URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Antoinette Venter
ICandelo leKharityhulam ye-*GET*
Antoinette.Venter@westerncape.gov.za | 021 467 2501

Inombolo yefayili: 21/2/5/2/EMS
Isalathiso: 20230213-1323

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*GET*: 0002/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*GET*, kuBacebisi ngeZifundo besiGaba esiPhakamileyo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: Isaziso ngomasifundisane wophuhliso lwezakhono zootitshala beBakala 7 kwisifundo se-*Economic Management Sciences*

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*), ngentsebenziswano neYunivesithi yase-Stellenbosch (*SU*), limema bonke ootitshala besifundo i-*Economic Management Sciences* (EMS) beBakala 7 ukuba benze ikhosi yoqeqesho kwisifundo soLwazi ngezeMali (*Financial Literacy) e-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI)*.

2. Injongo yeeseshoni zoqeqesho lootitshala lophuhliso lwezakhono kukomeleza ukufundiswa kwesifundo i-*EMS (Financial Literacy)* kwiBakala 7 ngokunika ulwazi nezakhono kootitshala.

3. Le khosi iya kwenziwa ngabahlohli abasuka kwiYunivesithi yase-*Stellenbosch (SU*) kwakunye noMcwangcisi weKharityhulam oMkhulu (*Senior Curriculum Planner*), uGqr. Antoinette Venter. Yonke imathiriyeli yekhosi ivunywe yiYunivesithi yase-*Stellenbosch* (*SU*), liSebe i-*WCED* kwakunye neBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (*South African Council of Educators*).

4. Uqeqesho luya kuqhubeka **ngoLwesihlanu, we-31 Matshi 2023**, **nangoMgqibelo, we-01 Apreli 2023.**

5. Iiseshoni ziya kwenziwa ngesiNgesi nangesi-Afrikansi.

6. Kucelwa ootitshala **babhalise kwikhompyutha** besebenzisa le linki ilandelayo: https://forms.gle/8Yro9hjBHe43c7pQA, **phambi okanye ngoLwesibini, we-28 Februwari 2023.** Izikolo mazinike iinkcukacha zobhaliso ezichanekileyo ukwenzela ukuba zithintelwe naziphi iingxaki zamalungiselelo kwindawo yoqeqesho. Inqununu iya kuthwaliswa uxanduva ngootitshala ababhalisileyo, kodwa abaya kuqeqesho, ngenxa yokuba oko kuya kuchaphazela amalungiselelo eemeko zezemali.

7. **Ukuhamba**

7.1 Isibonelelo sohambo siya kuhlawulwa ngokuxhomekeke kule miqathango ilandelayo:

- Makuqinisekiswe ukubakho zonke iintsuku kwikhosi yoqeqesho.
- Umgama uwonke ohanjiweyo kwezi **ntsuku zimbini mawugqithe kwi-100 km**.
- Uwonke umgama ohanjiweyo ngezi **ntsuku zimbini** ofakelwa ibango **mawungagqithi kwi-800 km.**

7.2 Izicelo zamabango ohambo ziya kuhlolwa ngokwezi khrayitheriya zilandelayo:

<table>
<tr><td>Ukusebenzisa isithuthi sakho</td><td colspan="2">Kangangoko kunako, ootitshala mabakhwelisane kwisithuthi. Ngumqhubi kuphela okanye umnini-sithuthi onokwenza ibango leekhilomitha ezihanjiweyo. Makudweliswe uluhlu lwabakhweli. Ukuskena iidiski zelayisensi yezithuthi kuya kwenziwa emasangweni okungena ase-CTLI.</td></tr>
<tr><td>Ukusetyenziswa kweklabhu yelifti (ehlawulwayo okanye esimahla) kwimoto yakho.</td><td colspan="2">Ngumqhubi kuphela okanye umnini-sithuthi onokwenza ibango leekhilomitha ezihanjiweyo. Makudweliswe uluhlu lwabakhweli. Ukuskena iidiski zelayisensi yezithuthi kuya kwenziwa emasangweni okungena ase-CTLI.</td></tr>
<tr><td>Ukusetyenziswa kwebhasi yesikolo</td><td colspan="2">Isikolo masifake ileta echaza ukuba ibhasi yesikolo ibisetyenziselwe le khosi, amagama abakhweli kunye nomgama ohanjiweyo. Ukuskena iidiski zelayisensi yezithuthi kuya kwenziwa emasangweni okungena ase-CTLI.</td></tr>
<tr><td rowspan="5">Ukusetyenziswa komboneleli-nkonzo obhalisiweyo

OKUBALULEKE GQITHA: Makufumaneke imvume kwangaphambili ebhaliweyo esuka kumququzeleli we-GET wesithili.</td><td>Inyathelo 1</td><td>Isikolo masifumane iikowuteshini, zibe ntathu phambi koqeqesho.</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 2</td><td>Isikolo masingenise ezi kowuteshini kumququzeleli we-GET wesithili. Kuya kwamkelwa eyona kowuteshini ixabisa kancinci.</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 3</td><td>Umququzeleli we-GET makanike inqununu incwadi ebhaliweyo eqinisekisa ukuba inkonzo leyo inokufumaneka ngemvumelwano.</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 4</td><td>Isikolo masilungiselele ukuqeshisa ngenkonzo leyo.</td></tr>
<tr><td>Inyathelo 5</td><td>Emva kokuba yenziwe inkonzo isikolo masihlawule umboneleli-nkonzo yaye sifumane irisithi.</td></tr>
</table>

	Inyathelo 6	Ukuze kwenziwe intlawulo eyimbuyiselo, isikolo masifake ileta kumphathi wesithili ojongene nezicelo echaza ukuba kusetyenziswe umboneleli-nkonzo kuze kudweliswe namagama abakhweli kunye neenkcukacha zomgama ohanjiweyo. Makuqhotyoshelwe iikowuteshini, imvume yomququzeleli we-*GET* kunye ne-invoyisi yokugqibela ehlawuliweyo.
	Makugcinwe onke amaxwebhu njengobungqina ukwenzela umphicothi-ncwadi wangaphakathi. ISebe i-*WCED* liya kwenza intlawulo eyimbuyiselo kwisikolo kuphela kusa kuba kufumaneke amaxwebhu asayiniweyo, kuqukwa nemvume eyincwadi ebhaliweyo ekhutshwe **kwangaphambili** yomququzeleli we-*GET* wesithili. Ootitshala mabenze amalungiselelo okukhweliswa kwabantu abaliqela abakwindawo efikeleleka kumntu wonke.	
Ukusetyenziswa kwezithuthi zikawonkewonke, umz. iiteksi zikawonkewonke, ibhasi okanye uloliwe ukuhamba umgama omfutshane	Kumabango makubhalwe indawo apho kuqalwa khona nalapho kuphelwa khona kwisigaba ngasinye sohambo. Iintlawulo eziyimbuyiselo ziya kwenziwa ngokwemiyinge emiselweyo *(standard rates*). Kunokucelwa ubungqina (amatikiti) ligosa elijongene nezicelo zamabango ukwenzela ukuba ibango libe nokungqinisiswa ngokusemthethweni. Makungenziwa mabango eemali ezihlawulwe kwiiteksi ezizii-*metered taxi.*	

8. **Indawo yokulala nokutya (isebenza kootitshala abasuka kwizithili ezisemaphandleni kuphela)**

8.1 Indawo yokulala nokutya kuya kubonelelwa ngayo e-*CTLI*, **ngokuxhomekeka kule miqathango ilandelayo:**

- Umgama wokuya kwindawo yoqeqesho **mawudlule kwi-60 km** uhambo lokuya kuphela o.k.t uhambo oluyi-120 km lokuya nokubuya.
- Makuqinisekiswe ukuhanjwa kwayo yonke ikhosi yoqeqesho.
- Ubhaliso malugqitywe kwangethuba elingaphambili.

8.2 Kuya kubonelelwa ngendawo yokulala ukususela ngomhla wokuqala ukuya kumhla wokugqibela wekhosi yoqeqesho, kukho nokukhetha ukufika ungene ngo-14:00 ukuya ku-17:00 ngosuku olwandulela ukuqala kukamasifundisane.

9. Ngayo nayiphi ingcaciso engaphezulu kucelwa niqhagamshelane nomququzeleli wephondo, uGqr. Antoinette Venter, apha Antoinette.venter@westerncape.gov.za okanye ku-021 467 2501.

10. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane ootitshala besifundo i-*EMS* beBakala 7 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2023-02-14